

Ukutyeshela

uMthandazo (kuyaqhubeka)

U-Allah ukudalile wakunika yonke into. **“NguYe okudalileyo wakupha isipho sokuva nokubona neentliziyo, kukangakanani unombulelo.”** iKhorani 67:23

Iinyawo zoMprofethi bezidumba ngokuba ebesoloko eme ngenyawo amaxesha amade. Xa ebuzwa ngoku, ebephendula, **“Ndinga ngabi sosicaka sinombulelo na kwiNkosi yam?”**

Uyonqena

Sisizathu sini uza kusinika uMdali wakho, uMdali wamazulu nomhlaba, ngoMhla woMgwebo? Yena Omnye Okusikelela ngeeyure ezingama-24 ngemini, kanti ukuyalele kuphela ukuba uthandaze kahlanu ngemini – umyalelo othatha ngqo imizuzu engama-30 ukuzaliseka!

UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) wathi, **“Unyana ka-Adam akanakho ukugxothwa phambi kweNkosi yakhe ngoMhla woVuko ngaphambi kokuba abuzwe imibuzo ngezinto ezintlanu: ubomi bakhe nokuba ubuchithe njani na, ubutsha bakhe yaye ubusebenzise njani na, ubutyebi bakhe yaye ubuzwe njani waze wabuhlela njani, yaye wenze njani ngolwazi alufumeneyo.”**

Uya kukhathazeka

Uthi u-Allah, **“Oye wajika kwisikhumbuzo Sam – ngokwenene okwakhe bobo bomi bunzima. Yaye siza kumvusa ngoMhla woVuko, eyimfama. Uyakuthi, “Nkosi Yam, kutheni undivuse ndingaboni kanti ndandibona (ngaphambili)?” (u-Allah) uyakuthi, “Njengoko iimpawu zeThu zeza kuwe, waze wazilibala (awakhathala); yaye njengoko wena uyakuthi, ngalo Mhla, ulityalwe.”** iKhorani 20:124-126

Uya Zonzakalisa

U-Allah akafuni mthandazo okanye nayiphi na into esuka naku bani na – uZuko malube kuYe! Nguwe odinga uXolelo lwaKhe.

“Nika imibulelo ku-Allah, yaye nabani na onika imibulelo, kuphela kungoko kulunga komphfumlo wakhe, yaye nabani na ongenambulelo, eneneni u-Allah uKhululekile kuzo zonke izidingo, uFanelwe kukudunyiswa.” iKhorani 31:12

UDlala ngeNkolo

Izifundiswa ezininzi zamaSilamsi zibambebele kwinkolelo yokuba xa ungathandazi, awukholelwa, kucatshulwe kwezi mfundiso zilandelayo:

“Isivumelwano esohlula phakathi kwethu nabo (um., phakathi kwabakholelwayo nabangakholelwayo) ngumthandazo, yaye nantoni na engakhathaliyo ayikholelwanga.”

Ukongezelela, amaqabane kaMprofethi (yanga u-Allah angaba nabo) awacinganga ukuba ukutyeshela nasiphi na isenzo kukungabina nkolelo, ngaphandle komthandazo.

Izizathu eziqhelekileyo

Akukho xesha (umsebenzi, ukufunda, ukuxakeka, njl. njl.): Kucacile yaye yinkohliso elula. Awuyixabisanga imithandazo. U-Allah uya kusikelela ixesha lakho yaye akwenze uphumelele yaye ube nocoselelo.

INTliziyo yam ihlambulukile: U-Allah ugweba abo baneentliziyo ezihlambulukileyo, yaye Ufuna wena uthandaze! Izenzo ziyakubonisa ukuba yintoni esentliziyweni yakho. Akekho namnye onentliziyo ehlabululekileyo ngaphandle koMprofethi uMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe) owayeqhele ukuthandaza rhoqo.

Intsimbi yam endivusayo: Kunzima ukuba intsimbi yakho ekuvusayo ikhale, ukuba awuyilungiselelanga ukuba ikuvuse!!! Hlambulula isicwangciso sakho uze ulale ngokweSunnah.

Usapho lwam/iqabane/abazali/izihlobo ziya ndinqanda: UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) wathi, **“Akukho ntobeko nakubani na ongathobeli u-Allah.”** Uyakugwetywa wedwa.

Ndiyona kakhulu: Ngeli xesha, imithandazo yakho iya kunqanda ukuba ungenzi ezi zono - thandaza! Uyona ngoba awuthandazi.

Cinga ngezi mfundiso, **“Ukuba ziya wazi amaxabiso ‘emithandazo ye Isha ne Fajr, baya kuza kubo (e moskhi) nokuba beza bekhasa.”**

Ngokwenyani unesizathu sini sokutyeshela umthandazo xa ume phambi kweNkosi yakho ngalo Mhla unzima?

Ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe kunye nezinye iiphamfethi kolu Luhlu
p (+27) 21 696 8375/6 w discoverislam.co.za e info@discoverislam.co.za

Donation Details

Bank Name Standard Bank
BSB Kromboom / 026209

Account Discover Islam Centre
Account No. 072873647

Ukubaluleka koMthandazo



funda
ngokusisiseko

discoverislam.co.za

Ngosizi, amaSilamsi amaninzi awathandazi okanye azalisekise imiqathango yomthandazo, nangona ubalulekile. Isizathu somthandazo kukuqinisa ubuhlobo bakho noThixo; ukuba nombulelo kuzo zonke iintsikelelo zaKhe; nokuzikhumbuza ngoBukhulu Bakhe. Njengoko umzimba unezidingo zawo, ezifana nokutya namanzi, umphefumlo ufuna izidingo zomoya oyingcwele, okona kubalulekileyo ngumthandazo.

UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) wathi, “Uthelekiso lalowo ukhumbula u-Allah nalowo ungamkhumbuliyo, kufana noko kuphilayo nokungaphiliyo.”

U-Allah uthi, **“O wena ukholelwayo! Sabela ku (bizo luka) Allah nesiThunywa Sakhe xa ekubizela koko kukunika ubomi.”** iKhorani 8:24

Ukubaluleka kwayo

UQhagamshelwano ngqo no Allah

“Ukuba kufutshane komntu kwiNkosi Yakhe kuxa eguqe ngamadolo ethandaza.”

UMthandazo ukuqhagamshelanisa no Allah. Igama lomthandazo lesiArabhu ngu (As-Salah) ngokwenene usuka kwigama lesiArabhu elichaza “unxulumano”. IsiThunywa sika-Allah (uxolo malube phezu kwakhe) satsho, **“Xa omnye wenu ephakama athandaze, uthetha neNkosi yakhe, ke makaqwalasele indlela athetha ngayo Naye.”** Musa ukuphelisa obu buhlobo noMdali wakho.

INTsika yobuSilamsi

UMthandazo yintsika yesibini ngokubaluleka kwiSilamsi, yaye isesona senzo senzeka njalo nesinyanzelekileyo kubomi beSilamsi. UMthandazo sisenzo ekufuneka sizalisekile imihla ngemihla, nokuba imeko ithini na. Enyanisweni, u-Allah akawakhululanga amaSilamsi ekuthandazeni ngexesha lemfaizwe! Utsho,

“Khusela ngokuliqilima (isiqhelo se) mithandazo... Ukuba woyika (utshaba), thandaza uhamba ngeenyawo, okanye ukhwele isithuthi.” iKhorani 2:238-239

Njengoko kunjalo ngexesha le mfaizwe. Kuthini ke ngexesha loxolo?

IMpumelelo ixhomekeke kuMthandazo

UMprofethi (uxolo malube phezu kwakhe) watsho, **“Izenzo zayo zokuqala zokuba indoda izakubizwa ukuba ize kuzithethelela ngoMhla woVuko iyakuba yimithandazo. Ukuba kuya fumaniseka**

kuyinto egqibeleleyo, uya kukhuseleka abenempumelelo. Kodwa ukuba ayiqibelelanga, uyakuba nelishwa yaye angabinampumelelo.”

ZiziBonelelo

Izikhuselelo kongeNdawo

Ngaphandle kokufuna uncedo luka-Allah, akululanga ukohlukana nongendawo.

Uthi u-Allah: **“Ngokwe nyani, umthandazo uya kunqanda (wena ngokunokwakho) kwihlazo nezenzo ezingalunganga...”** iKhorani 29:45

Zingenziwa njani izono ukuba uma ngokukhululekileyo phambi kuka-Allah izihlandlo ezi-5 ngemini?

Utyebisa uMphefumlo Wakho

UMthandazo ukholisa udingo lwakho lomoya oyingcwele lokuba uqhagamshelane noMdali wakho. Oku kunika umphefumlo wakho uxolo nenkoliseko, ingakumbi ngokuxakeka kwendlela ophila ngayo.

Uthi u-Allah, **“Ngaphandle kokuthandabuza, ngesikhumbuzo sika-Allah iintliziyo zifumana inkoliseko.”** iKhorani 13:28

UKwenza uThobeko

Ukuzidla nokuzigwagwisa kususwa kukuqonda ubukhulu buka-Allah nokuxhomekeka kwakho kuYe. Kumthandazo, uMsilamsi ubeka ilungu lomzimba wakhe eliphezulu nomthombo wengqondo, intloko yakhe, emhlabeni aze athi, **“Indlela egqibelele ngayo iNkosi yam, Ngeyona iPhakamileyo.”**

Uthi, **“Ngenene abanempumelelo ngabo bakholelwayo, abo bathobekileyo kwimithandazo yabo.”** iKhorani 23:1-2

Ewe, oku ungakuphumelela kuphela xa ukuqonda okucengelezwayo yaye uqwalasele ngokuthobeka.

Uhlamba izono ziphele

Wonke umntu wenza izono, kodwa, u-Allah unikezele, ngomthandazo, indlela yokusula ezo zono.

Uthi u-Allah, **“Yaye wenza umthandazo... ngokwenene izenzo ezilungileyo zazisusa izenzo ezingalunganga.”** iKhorani 11:114

IsiThunywa sanika umzekelo omhle xa sasisithi kumaqabane, **“Cinga ukuba omnye wenu ebe nomlambo ngasemnyangweni wakhe apho ebehlamba izihlandlo ezihlanu ngemini. Bekunokuba nokungcola okuhlala kuye?”** Bathi, **“Hayi.”** Waze uMprofethi waphendula,

“Ngokufanayo, u-Allah usula zonke izono ngemithandazo yemihla ngemihla emihlanu.”

Usombulula iiNgxaki Zakho

Ukuba uqinisa ubuhlobo bakho no-Allah, u-Allah uya kuqinisa ubuhlobo bakho nengxenyane yendalo. Ngomthandazo, Yena, onaMandla oNke, uya kulungisa zonke iingxaki zakho.

Uthi u-Allah, **“Funa uncedo ngomonde nangomthandazo.”** iKhorani 2:153

Uhlanganisa aMasilamsi

UMthandazo weRhamente ukhulisa ubuzalwane, ukulingana nokuthobeka phakathi kwaMasilamsi. Abakhonzi bama ngokwemigca yaye njengomzimba omnye, igxalaba kwelinye igxalaba, ngaphandle kocalulo lohlanga, lwesizwe, ibala, ubutyebi, usapho okanye inqanaba. Esi senzo sentlangano sinceda ekuchitheni zonke izithintelo ezime phakathi kwabantu.

Ukutyeshela uMthandazo

“O Luntu, Yintoni ekulahlekisileyo nokwenza neNkosi yakho, oYena unoBubele?” iKhorani 82:6

Awuthobeli uMdali Wakho

Isizathu sokuphila kwakho kukukhonza uAllah, imihla ngemihla, awuthobeli uMdali wakho.

“Ke, kuphumelele isizukulwana esiyeke umthandazo salandela iimfuno zaso. Ke baya kulahlwa esiHogweni. Ngaphandle kwabo bafuna ukuxolelwa yaye bekholelwa, yaye besenza ubulungisa.” iKhorani 19:59-60

“(Abantu abasesiHogweni baya kubuzwa:) Yintoni ebangele ukuba ungene esiHogweni? Baya kuthi: Besingengabo abo bebeqhele ukuthandaza...” iKhorani 74:42-43

Awuna Mbulelo

Ukwala isimemo soMdali wakho sokuyila obu buhlobo busondeleyo kuYe kukungabi nambulelo ngokugqithileyo.